# UNwelezelanga namabhere amathathu



Ithatyathwe kwintsomi yesiNgesi

Imizobo: Helga Hoveka

Goldilocks big book_X.indd 1 2017/12/04 09:33



Isidudu sasishushu kakhulu.



Goldilocks big book_X.indd 2 2017/12/04 09:33



Ngoko ke amabhere amathathu ahamba-hamba.



Goldilocks big book_X.indd 3 2017/12/04 09:33



UNwelezelanga wabona indlu yamabhere. Wangena ngaphakathi.



Goldilocks big book_X.indd 4 2017/12/04 09:33



UNwelezelanga wangcamla zonke izidudu ezityeni zamabhere. “Ndiyasithanda esi sidudu, silunge kakuhle,” watsho.



Goldilocks big book_X.indd 5 2017/12/04 09:33



UNwelezelanga wachopha kuzo zonke izitulo zamabhere. “Ndiyasithanda esi situlo, silunge kanye,” watsho. Hayibo, sophuka isitulo!



Goldilocks big book_X.indd 6 2017/12/04 09:33



UNwelezelanga walala kuzo zonke iibhedi zamabhere. “Ndiyayithanda le bhedi, ilunge kakuhle,” watsho. UNwelezelanga wabiwa bubuthongo.



Goldilocks big book_X.indd 7 2017/12/04 09:33

Amabhere amathathu abuyela ekhaya.



"Ngubani otye isidudu sam?" Watsho u'Bhabha Bhere.

"Ngubani owaphule isitulo sam?" Watsho uBhabha Bhere.





Goldilocks big book_X.indd 8 2017/12/04 09:33



Amabhere amabini aya kumagumbi awo okulala. “Ungubani?” Watsho uTat’uBhere.



Goldilocks big book_X.indd 9 2017/12/04 09:33



UNwelezelanga wawabona amabhere waze woyika kakhulu! Wabaleka, wabaleka, wabaleka wagoduka.



Goldilocks big book_X.indd 10 2017/12/04 09:33

